

4	Igama lomniniwo Ekuqaleni.	Ixesha lokunikwa kwe Taitile.	Ipepa kwincwadi zakomkulu	Ukucazwa ko mhlaba.	Ubukulu.			Irafu ese lityala.	Le rafu ilityala iqala ngo.	Wagqityelwa ukweli gama.
					A.	R.	p.			
1	Frederick Basi .....	13th July, 1869	1918	Building Lot 6 DD	Peric.....	...	32	15 0	1st January, 1877 ...	Frederick Basi
2	Jacob Kalashe .....	13th July, 1869	2038	Garden Lot 40	...	6	...	5 0 0	...	Jacob Kalashe
3	John Pemba.....	1st January, 1877 ...	2039	Building Lot 4 II	...	6	...	2 6 6i	...	John Pemba
4	Enoch Khayi .....	1st January, 1877 ...	2184	Garden Lot 30	...	6	...	5 0 0	...	Enoch Khayi
5	Josiah Siyongwane.....	20th February, 1868	2185	Building Lot 4 X	...	6	...	0 0 0	...	Josiah Siyongwane
6	Moses Tsotso .....	1st January, 1877 ...	1842	Garden Lot 159	...	6	...	1 5 0 0	...	Moses Tsotso
7	Ulalisa .....	1st January, 1876 ...	1843	Building Lot 9 AA	...	6	...	7 0 0	...	Ulalisa
8	Ugidimane ...	1st January, 1873 ...	167	Garden Lot 151	...	6	...	7 0 0	...	Ugidimane
9	Ntzwili ...	1st January, 1875 ...	168	Building Lot 7 C, Mount Coke ...	...	6	...	1 1 5 0 0	...	Ntzwili
10	Rebecca Makula .....	1st January, 1877 ...	169	Garden Lot 24	...	6	...	5 0 0	...	Rebecca Makula
11	George Magwanya ...	1st January, 1873 ...	214	Building Lot 1 D	...	6	...	1 7 6	...	George Magwanya
12	Ncapai Magabelu.....	1st January, 1874 ...	213	Garden Lot 48	...	6	...	5 10 0	...	Ncapai Magabelu
13	Peet.....	1st January, 1877 ...	232	Building Lot 2 B	...	6	...	5 10 0	...	Peet
14	Skilisho Bunzi ...	1st January, 1877 ...	231	Garden Lot 57	...	6	...	5 10 0	...	Skilisho Bunzi
15	Zweni Socutshana ...	1st January, 1875 ...	186	Building Lot 11 B	...	6	...	5 0 0	...	Zweni Socutshana
16	Mente Kotana .....	7th November, 1876	185	Garden Lot 33	...	6	...	5 0 0	...	Mente Kotana
17	Dicky .....	23rd November, 1876	1548	Building Lot 11 C, Massingata's Village...	...	6	...	5 0 0	...	Dicky
18	Jan Kashe .....	23rd November, 1876	1549	Garden Lot 15	...	6	...	5 0 0	...	Jan Kashe
19	...	...	2346	Building Lot 11 C, Joseph William's Location	...	6	...	5 0 0	...	...
20	...	...	2457	Garden Lot 3 F	...	6	...	5 0 0	...	...
21	...	...	1450	Building Lot 4 C, Peelton....	...	6	...	5 0 0	...	...
22	...	...	1451	Garden Lot 1 E	...	6	...	5 0 0	...	...
23	...	...	1293	Building Lot 1 N	...	6	...	5 0 0	...	...
24	...	...	1294	Garden Lot 2 C	...	6	...	5 0 0	...	...
25	...	...	1294	Garden Lot 2 C	...	6	...	5 0 0	...	...
26	...	...	1704	Building Lot 11 A, Melan	...	6	...	5 0 0	...	...
27	...	...	1705	Garden Lot 3 H, Rossiton	...	6	...	5 0 0	...	...
28	...	...	1654	Building Lot 3 B	...	6	...	5 0 0	...	...
29	...	...	1655	Garden Lot 1 W	...	6	...	5 0 0	...	...
30	...	...	2689	Building Lot 1 E, Peuleni	...	6	...	5 0 0	...	...
31	...	...	2792	Garden Lot 10 J	...	6	...	5 0 0	...	...
32	...	...	2719	Building Lot 5 J	...	6	...	5 0 0	...	...
33	...	...	2865	Garden Lot 10 II	...	6	...	5 0 0	...	...
34	...	...	2745	Building Lot 10 II	...	6	...	5 0 0	...	...
35	...	...	2821	Garden Lot 10 C	...	6	...	5 0 0	...	...

# IMVO ZABANTSUNDU (NATIVE OPINION)

[No. 132.]

## Amayeza ka Cook Abantsundu.

- U MZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange lise lamayeza abalulekileyo.
- Elika
- COOK Iyeza Lesisu Nokuzazazo. 1/6 ibottle.
- Elika
- COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibottle.
- Aka
- COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwa; 9d. ibottle.
- Elika
- COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibottle.
- Ezika
- COOK Ipiis. 1/ ngebokisana.
- Eka
- COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebottle.
- Oka
- COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebottle.
- Oka
- COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist, E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama lake.

# U BOYA

Zisheleni ezimbini ngoponti.

## W. O. CARTER & Co.

Basanduluku fikelwa zezimpahla zixelwa ngase zantsi apa :-

I-BLANKETE

Zabantu base sikolweni.

I-BLANKETE

Zama xegokazi.

I-BLANKETE

Zama xego kuba kaloku ezintlobo zombi, ni zabantu kufuneka zigcinwe fudumeleyo ngobu busika.

I-BLANKETE

Zama dodana.

I-BLANKETE

Zomtinjana.

I-BLANKETE

Zaba sebe zakutshata.

I-BLANKETE

Zaba sanduku tshata, Ukuquaula inteto singati i Blankete ziyalala ezifanele naba- nina, ezifanele bonke, zitengiswa tshipu kakulu. Kwenzelwa elixesha loboya kwa

## W. O. CARTER & CO. E-QONCE.

Isaziso ku Mamfengu.

Lo ugama lisekele esi sa-ziso, uvakalisa ukuba ngelixa loku ceba lizayo, ulungiselele ukuba anike elona nani longamele amanye ngo Boya.

Impahla kanjako iyakutengwa ngemalana encinane xa sukuba umntu eze eyipeti ima- li kuzo zonke ivenkile zako kwela Mamfengu.

Kwakona utengisa: Ingxowa ezi 2,000 Zombona nge 4/, kuse kwi 5/ imali ngengxowa. THOS. MORIARTY. 5 August, 1886.

## M. KEEVY & CO., KWA NGOMTI, E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurola awona ma- xabiso makulu

Ngoboya, Nezikumba, Zenkomo, Nezebhekwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kule. dolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo zokunxiba ezitahipu nayo yonke into.

Xenikweni kuko irafu Yomhlaba ebanjwa u Rulumente wale Koloni ngendawo mhlambi ngempahla efunyenwe ku Rulumente engabhatalwanga kwada kwapela iminyaka eshumi, xa londawo mhlambi lomphahla yayekwa, yashiywa yalahlwa waza noyena mniniwo nokuba ngoqeshileyo, xa ngaba kunjalo, kwanommeli wake ngomteto, akafunyanwa, kuya kuyifanele i Rulumente ukuba yenze isaziso ngalondawo mhlambi ngalompahla exela ukuba ilahliwe kwi *Government Gazette*, nokuba kukulipina ipepa, eyoqonda ukuba lifanelekile kuba kanye ngenyanga kwinyanga ezintatu ezilandelanayo, kuzakuti ukuba pakati kwezo nyanga ntatu zesaziso akafikanga umniniwo mhlambi oyiqeshileyo londawo nokuba yimpahla, kungafiki kwanommeli wake, ukuba kumia ibango lake kuwo, aze arike ayibhatale lorafu ilityala, koti ekupeleni kwezonyanga zintatu zikankanyiweyo, i Ruluneli iya kuyitabata londawo nokuba yimpahla ibe yoyayo, ize iyisebenzise nangavupina umntu wolohlobo owoba uko apa e Koloni ngeloxesha: kodwa ke, amaxesha onke ukuqutywa kwalomteto ukankanyiweyo maze ulungelelane nezalukwana ze sibhozo, nese sitoba nese shumi zom-Miselo we 9 womnyaka we 1844, ukuba ube ngumhlaba obambisileyo, nokusetyenziswa kwemali zawo zivume- melane namyomteto.

Ma ke kwaziswa bonke abantu ukuba le Mhlaba ibalulwa ngasezantsi apa ekwisiqingata sase Qonce kutiwa iyelahliweyo ngabaniyo njengoko sekutshiw; ke u Rulumente uyakuyitabata ibe yeyano ngo November 1, 1887, ukuba ayinengchwanga kwangapambi kweloxesha, zaza zahlahlwa irafu ezingamatyala kumantyi wesosiqingata, njengoko kubhalwe ngako kwesi Siqingata sase Mteto uxeliweyo.

F. SCHERMBRUCKER,

S T O W N , N G O L W E S I - T A T U , M A Y

# KUWO WONKE UMZI ONTSUNDU!

Xa Sukuba nityelwa e QONCE, pambi kokuba nizitengele Impahla

Yitini Gxada kwisitora se NGUBO, njalo, njalo, so

# DYER and DYER

Nizanelise kwimpahla yabo enyulwe ngenyameko, apo ontsundu

Yonke Impahla ibhalwa amaxabiso okugqibela ebupantsini.

## YIZANI KUZIBONELA NGOKWENI.

KWAG. WHITAKER, kwi-venkile etengela ntwana ezincinane, kuko, kufuneka tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile, njalo-n jalo, njalo.

ISISULU.

KWA BEET.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongwe. ni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisulu! Isisulu I e Qonce ukangele emarkeni. ...

GIE BROTHERS, Abatengi naba Tengisi bento Yonke.

UPELA kwesi Tora saba Ntsundu ngenene kule Dolopu yase

TARKASTAD. Zonke intlobo zezinto eziveliswa yi ntse- benzo yeli lizwe zitengwa ngamaxabiso pezulu kanye.

HARTIGAN & CASEY, Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla chambayo kanye ngenyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike ba. tengisa impahla chambayo nokuba yekaba. nina. Ubani uyinikwa emva komisiko imali. E Qonce, 20 July, 1886.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e-Town Hall, Kwisitara esingqa pantsi ese-sitatu, No. 3, Uhala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu. Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma-calana onke e-Koloni.

Unombona omhle kanene ovela

W. J. DEALY

UTENGA Umbona, na Mazimba. Nokuba kuninzi ngalupina uhlobo okokutya uya kuku rolela ixabiso elipezulu kanye lase Markeni, e-Qonce.

VINGCANI AMAZIBUKO.

NDIBELWE ngo-Mgqibelo 2 April inkomo ezisixenxe (1) inkabi egwangqa entusi emalunga kumasu amahlana; (2) yimazi egwangqakazi enetokazi elibomvu la alekelwayo; (3) yimazi enkonekazi equtwa-zana; inkonzana ekwa gwangqazana, emalunga kumasu amatatu (5) netokazana la akwelwayo; (6) litole elimnyama eliyinku-nzana; (7) litokazi elingwevukazi, ingwevu-kazi emdakakazi, liyilentanga yalekelwa ngala anyayo. Ezinkulu zontatu zitshiswe N.S. kwinyonga yokunene. Umkondo wazo uka-nkanyeka uwele i Tsomo Post nge Cawa 3 April. Kutiwa zaziqutywa ITOKAZANA elibohivu bantuwale hashe, litya buke inkwapa zombini yi rolliti lino boyana obumhlope emhlana litiwe cupe kwindlebe yokholo, liminyaka mibini. Ne mazi emfusakazi ende yehashe ekhaya.

Ukuvulwa Kwetyalike.

INDLU YESIKOLO ne Tyalike egama liyi "Holy Trinity" kwa Gcume, Ezagwityi iyaku vulwa nge Whit Sunday umhla we 29 May. Kulindelwe u Rev. P. MASIZA wase Sidutyini.

DANTSUNDI ININGAYITENGA kaloku nge sheleni ezimbini ne sikispeni, i "XOSA-KAFIR GRAMMAR," eyenziwe ngu J. TORREND, S. J. Ezinye i ndawo zayo le ncwadi ziya. kucazululu u kuteta kwenu, ziti e zinye i ndawo ziyakufundisa o kwa Mangesi. Le ncwadi ino kuzuzwa E Rini (Graham's Town)—kwa T. and G SHEFFIELD, Eastern Star Office. E Qonce (King William's Town)—kwa W. T. RANDALL. E Komani (Queenstown)—kwa D. S. BARRABLE. E Kapu (Cape Toivn)—kwa Juta. E Bayi (Port Elizabeth)—kwa IMPEY, WALTON & Co. E Tinara (Uitenhage)—kwa H. W. BIDWELL.

BONISANI.

HASHAZANA elibusazana bunobu ngwevu ngokukodwa entloko. Lingqukuvana ukumila kwalo, alinalu pawu. Libuqwalela ngomnye umkono. Selikulelwe yeyesibini le vekhi lilahlekile. Olibonileyo alihala mahhaka ku Rev. I. R. SAVINA

BONISANI.

KWABASE BAYI NABASE TINIRA.

UKUBA kuko onokwazi nokuva umntu

oyinkazana ogama lingu Nolizwe Ngenela wakwa Dhlamini uyalezwe

BONISANI.

KULAHLEKE kule ndlela ipakati kwe Dike ne Xesi ingxowana yama nene-kazi emnyamana pakati kuko izikele zibini, ne fimbili yomnwe ye golide, neqiya yoku- Abazelweyo.

Abazelweyo.

MEKENI.—E Village ngase Zeleni kusasa nge Cawa, 8 May, 1887, ngo

MBAMBISA.—E Fort Malan, pesheya kwe Nciba ngomhla we 29 April, inkosikazi ka HENRY MBAMBISA ibeleke

AMAYEZA

ADUME KUNENE, KA

JESSE SHAW (U-Nogqala), E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya yalezwa kakulu ngumniniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzelwa zona; ngenxa yoku kaula uku nceda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokuceceka ekwenziweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifune engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure). Umciza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe oka, nezinye inunu.

ELONA (Specific). Elona yeza lesifo so Xaxazo lwe gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-AFRIKA (Africanum). Umciza ongenzi xesha ukupilisa Izinyo. UMFUNO YEZA (Herbal Tincture).

Elingoyiswayo zingqangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeka kwentlokoynke. UMHLAMBI 'LISO (Eye Lotion).

Oyena mpilisi wamehlo abulalayo. UMGEDI ORARAYO (Herbal Alkaline Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla. Icesine nento ezinjalo. UHLIKIHLA (Embrocation).

Amafuta omni okupilisa ukuqagamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo. UMDAMBISI (Soother).

Amafuta omni okupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESIHLAHLA (Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana. UMATINTELA (Antispasmodic).

Umciza wokupilisa ukuqunjelwa nezitepu nezinye nkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA (Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba bafaka nokuyaleni ntokuyawasebenzisa zisichilele. UMGEDI ORARAYO zatiwa nca kwi bhuluni nge njalo filana ngazinye, eziti zakulondolozi ngokufuzatane kileyo angaze angapilisi lunganeze negetinisiyo elona, xa isifo hahlu hahluwe ubusoawo lamayeza esirwege sokukinika okungabekhi. Umciza wokupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye nkatazo. Umciza wokupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye nkatazo. Umciza wokupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye nkatazo.

AMAGOSA ALAMAYEZA.— E Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D Drummond & Co. E Ngqamakwe.—Mrs. Savage. E Monti—B. G. Lennon & Co. E Rini—E. Wells.

Isaziso se Gqweta.

UMAKISI, elinye u GOADUSHE awabantu abantsandu, elise Ngesi MAX KAYSER uyazisa ukuba uquba umsebenzi wokubuta amatyala, izikweliti zentlobo zonke. Umela namatyala ezi ofisini Ze mantyi apo afunwe kona. Unesiqiniseko sake sakwa Rulumente se 1874 (General Commission and Enrolled Agent, Collector of Debts, and Practitioner in

Iveki.

BABONGOZWA ngentobeko bonk' abamkeli be Mvo Zabantsundu ukuba benze imigudu yo- kuba bayifinyezele ku June 30 intlaulo yabo. Kukuba kuko inguqule ezakubako epepeni lento kufuneka kuqosheliswe ngoluhlobo. Abahlobo belipepa benyaniso

Uviwo Iwabanqwenela umsebenzi wakwa Rulumeni lumiselwe ukuqala kuka 28 June lo uzuyo kwezi ngqili:— Cape Town, Wor. cester, Victoria West, Springbok, Kimberley, Port Elizabeth,

U DR. JOHN JAMES BROWNLEK umiselwe ukuba ligqira lakomkulu e Mzimkulu.

NAKUBA inkosi yabe Sutu kutiwa iyakuba ngu Lotori akubhubha uyise u Ludziya ziti ingwevu zelozwe

INKWENKWANA yase London, isinde ecebe- tshwini. Ibibapisa ipepa eliyi kayiti ibaleka ngomva suka yakweyela eliweni. Intambo yekayiti ite bije esingeni nekaviti vahamba ka nezulu.

INTWAZANA yase Mgqakwebe eyayigcagce nomfana bawela ozi Nciba nemi Bashe ne- minye imilambo emikulu ite yakufika ekaya ngaleveki ingapaya kwegqitileyo yamenye- Iwa abafazi bayicapa bayicapa ngezituko bayibeta kunene ngentswazi nangemitsha- yelo. Bemkile abafazi kutene piti nonina kwangalento yaziposa nko esiquhubeni, yatsho apambana amazinyo; imyeke yakurwitshwa ngomnye umntu ove isikalo.

li. Woba nyanga ntatu kwelo esela amayeza abuye.

BAZIPETE ngomlomo intliziyo e Cradock kuvakala ukuba kuko umntu ohliwe yingqa- kaqa kulowo mandla.

ISIGWEBO sokufa esasinikwe u Terblans ngokubulala e George siguqulwe yi Ruluneli senziwe iminyaka emashumi mabini.

KUKO Umxhosa osand' ukubhadda e Blauwkrants ngase Cradock. Kuhleliwe emkondweni wamabhedengu lawo ambule- leyo.

KWIZIMANGA amana ukuzenza Amangesi ngoku avelise umashini wokuceba igusha, uyigqiba igusha ngexesha leminiti ezintatu ezinesiqingata seminiti. Uyamgqita umntu ngokuceba okuhle.

ABANYULI base Cradock bacela u Mr. J. P. du Plessis i Bhulu lalomandla ukuba ata- bate indawo yomfi u Mr. Van Rensburg e Palamente.

INDLEKO yokubutwa ngokwasemte- tweni kwe mali ye Mvo ekumhlambi apa obonakala ukuba awuvumi kusibhatala nge- nxamleko kulungiselelwa ukuba kubeko intla- nganiso enkulu pakati kulenyanga komkulu e Swazini yomzi wama Swazi nabamhlope ukuxoxa ngento ezipatelele kwintlalo yelo.

IXABISO lombona e Natal ngeveki egqitile- yo belizisheleni ezine ezinetiki ngexgowa.

U RULUMENI weli letu ukupe isaziso soku- ba umhla wa 21 June ozayo uyakuba ngo- womgqobo nombulelo kuba Inkosazana yoba iyigqibile iminyaka emashumi mahlanu ilau- la izizwe ezonganyelwe lulaulo lwama Ngesi.

I BISHOP yase Rini iyakuba se Monti nge Sabata ezayo.

U MR. WOOD obesakuba yi Station- Master yalapa e Qonce ubhubhele e Bhayi ngeveki engapaya.

UYAGINYISA amate kubaniniwo umsebenzi wokumba i Dayimani e Jagersfontein.

U REV. AUBREY L. MATSON wase Rabe yama Ngesi e Tinara wazise ukuba uyaquma akubani ngumfundisi walo UMZI ontsundu wase Hewu seluwubhalile wawutumela ngaleveki owawo umbuliso we Jubhili ku Mntan' Omhle, obekwe amagama enkosi u Zulu Zimema no Xhayimpi Khakhaza I PRESIDENT (inene elingumongameli wo- laulo) yase Transvaal iya kanyulwa nge 16 February 1888. Kumbelwa ngoku ngu Paul Kruger opete londawo.

O MESSRS. S. SITELA no Klaas Mlonyeni banyulwe yimpi yakwa Mdingi Emgqakwe- be ukuba babe ngamalungu e Komiti yabanyuli base Qonce.

INTLANGANISO ngemitandazo ye Jubhili yo- kugqibela ebise Mgqakwebe yenze imposiso enkulu ngokusuka iwuguzule umtandazo owenziwa e Palamente ngetuba lemihlaba ekubeni wawusewamkelwe kwintlanganiso yakwa Bhuluneli, baza abantu bendawo ngendawo babhala amagama abo kwinto ekwatiwa seyigqityiwe. Singavuya ukuba ukuba imitandazo iyakuhamba injengokuba yayivunyelwe pambi kokuba abantu bafake amagama abo; ukwenza enye into kuku- ngcatsha abantu.

IKE yabonwa kutsha nje imvubu ngase Sinuka e Mzimvubu.

NGOLWESI-TATU MAY 18, 1887.

BATSHO bonke ababeko Emboniswe-

ni wase Cala eBatenjini ngenyanga egqitileyo ukuti wawu- mhle kanye. Kwaka kwako uloyi- ko lokungati awusokupumelela nge-

xa benze umboniso omhle. Asina ntloni ukuti u Mr. LEVEY useye- dwa kweli pesheya kwe Nciba emi- zameni yake yokunyusa uhlanga oluntsundu. Kuti kwakuqalwa into elungileyo, nokuba ililungelo laba Ntsundu nokuba lelama Yuropu esi Qingata sake ayixhase u Mr. LEVEY ngokushushu. Isiqamo salo nto ke ngoku kuko uluvo oluhle pakati kwaba Ntsundu nama Yuro- pu nangama Ngesi nangama Bhulu. Nantso indlela yokububaza ezintlanga zale Koloni ukuba zivane lube luxolo nenqubelo pambili.

Amangesi ayeko ku Mboniso awahlanga ntsundu ahlanga- nisa imali kwapakati kwawo odwa yokwenza amabhaso ku Babonisi aba Ntsundu; zaninzi izinto ezibonisiweyo zantle kakulu. Abakange- li ababemiselwe ukunyula ezigqite ezinye bavakele besiti owama Nge- si Umboniso ugqitwe le ngowaba Ntsundu. Pakati kwamagama aba- gqwesileyo sikhumbula awo P. FIGI- LAN, J. MGCODO, T. ZWEDALA, J. MBANE, K. ROOY, SELWANA, H, MMANGO nabanye. Umr. LEVEY wobuye enze omnye umboniso ngo- nyaka ozayo.

Amanqaku.

INTETO yomfo ka Solomon ebalaseleyo ibete yampandla u Rulumente. U Sir Gordon wanduluka e Kapa waya e Vusta apo kwakuko umsito we lasetyisi waya kubhodla kona. Ekute pakati kwenteto yake wada wapulukwa nangamazwi angamfaneleyo kuba uyintloko kwelili- epatiswe ubomi babantu bentlanga nge- ntlanga abapantsi kwepiko lo Mntan' Omhle. Ute.—“ Tina kade sixwitana ne- ntlanga ezintsundu kwelilizwe, asizange singoyisi ngenxa yokomelela nobu nga- ngamsha bohlanga lwetu, nangenxa ye- nzondelelo nobulumko betu, ndiqinise- kile ukuba kode kube sekupeleni sisenje- njalo.”

PAKATI kwenteto ayenze e Vusta u Sir Gordon ute—umpesheya kwe Nciba uza kunikwa nawo ilungelo lokutuniela ama lungu e Palamente. Apo alumke kona unkabi akaxelanga ukuba baya kulini- kwa luhlobo lunina elolungelo, siyazi ukuba engayi velisi nje londawo kungo- kuba esazi ukuba ukwenziwa kwalonto kuyawa kwenziwa into efunwa ngu Hof- meyr. Uti yena ngelake. —“ Lomteto uwiwe kakubi kakulu. Into owenzelwa yona kukuhlambulula incwadi zaba voti, kuba kuko abantu abapakati ngobuqinga bebengafanele, yindawo ka Rulumente ukucokisa amagama nokutiba obobuqi- nga kamsinyane.” Lenteto ka Sir Gordon ipendulwe ngu Mr. Rose-Innes M.L.A., ngencwadi ayitumele kwipepa lase Kapa i Argus ebonisa nahlope ukuba lomteto ngowoku bulala wonke um- ntu omnyama osencwadini yabanyuli kuba exhasa lama Ngesi angavumelani- yo nama Bhulu e Palamente. Lento na- ngoku sisati iyakwenzakalisa ama Ngesi.

UWENZA mafupi u Mr. Innes M.L.A., ukuyipendula lenteto, uti.—“ Intintelo zo- kuba angafakwa evotini amagama aba- ngafanelekileyo ziko ngokwaneleyo emte- tweni welilizwe. Kuti pambi kokuba amagama ahlelwe ake apindwe afundwe ngama gosa (field cornets) abuye abhalwe kutsha asiwe e Mantyni, ize ifike yona iwalengalengise ngapandle kwe Ofisi ukwenzela ukuba ati naba- nina ongaliboniyo igama lake ati malifakwe. Kuze kubeko umhla wokuvavanya izimangalo zamagama abefa- kiwe aza acinywa ngokutiwa akafanele. Xa kupicotwa ngoluhlobo bungaba ” ubu- qhinga ” buhle pina. Nqaleminyaka isa- nd' ukuqgita

qala wamali kakulu, eyona nto ayakuzama ukuyisebenza kukulungiselela intswelo zabantu nokuhlwayela ubulungi- sa pakati kwabo. Intwana ayakuyibiza liqoshana leyeza kupela kubantu abam- nyama. imali engamakulu amatatu epo- nti eyayikutshwa ngabantu abamnyama beyikupela indlu yamayeza kwagqitywa kwelokuba mayinqunyanyiswe. Into enge isenziwa yinkongozelo yemali kwe- nzelwe amahlwempu iqinga lokuba wafumana amayeza ngapandle kwento, ancedeke bubuko buka Dr. Hutchinson kuba ixaxeli lonke soloko engakatalelwe bani. Lento ke sisiqamo esivuyisayo sento esaka sayiteta kwinyanga ezimba- lwa ezidluleyo

INXENYE yabafundisi iqalile ukububona uburalarume obenziwa ngu Rulumente egameni le Nkosazana, bokwenza umteto wokutunga imilomo yabantsundu ukuba bangabi nazwi kwibandla elipete elilizwe. Ixa eli lonke soloko bete cwa- ka abafundisi betu. U Rev. T. G. Jones wase Mta ubhalele kwipepa lase Komani i Free Press inteto ebukali eyobula lom- teto, ufike aqukumbele ngamazwi afane- lwe kugqaliswa ngamawetu, ati:— Ndiyatamba ukuba yoti yakudibana i Palamente kubeko amadoda afana no Saul Solomon kwano J. J. Irvine ayaku- sibamba isikali ngokulinganayo pakati kwazo zonke intlanga. Okwangoku mabanganyabi abemi base Katala, nase Hewu, nase Kamastone, naku Ndlovukazi nabezinye indawo—mabenze intlanganiso babhale imitandazo iye e Palamente.

Yenzani ngako konke eninako, yonk' into niyenze ngomteto nokuzola. Imbumba yama Bhulu iyakolwa yona ngulomteto, ne Ngungqutela yama Fama yawuvuma nakuba ingawutabatelanga pezulu nje- nge Mbumba. Fundekelani, fundekela- ni, ukuba anikolwa, kokona koqondwa ukuba abanye benu abayiyo lento kutiwa niyiyo nonke ukungafanelwa kuba se ncwadini yabanyuli. Ukuba nibonaka- lise

IKALIPA elikulu lamalungelo entlobo zonke zabantu ipepa lase Rini i Journal liti: "Lomteto mtsha wewoti uqalekiswa kulo

lonke kutiwa uyilanto sayixela kwamhla mnene, yokuba ngumteto wokukhupa Abantsundu ekunyuleni. Licebo elipo- siseke kwapela, kuba libetelela isivingco mlonjeni wokuvakalisa iziroro zaba ntsundu; ngumteto ongalungileyo kuba ususa lentwana incikane ikoyo e Pala- mente yokuvakalisa ukuba kuko into engabo; usebenzela emva, kuba uhluha ilungelo laba ntsundu esekukade beli sebenzisa kakuhle, nokuwutetelela kwa- bo abantu bawo no Sir Gordon akunasidima sivakalayo. Ukuba kutiwa abantsundu basemva kakulu basebunyamakazi, impendulo ilula yeyokuba banyula amadoda angawo ngqe kunala anyulwa ngama Bhulu; o Rothman no Van der Heever aba abanyulwanga ziqingata zaba ntsundu, kutiwa abanaku vota kuba bemi ngobuzwe ezilalini abacandile, lo- nto ayingebi ntintelo evotini xa bekolwa kuhlala ngolo hlobo. Lento ingxanye- Iweyo kukuhluta umntu omnyama eli lungelo linikwe intshaba zake ezinkulu ezi naama Bhulu ezinaena zabumbo.

UMBIKO wokubhubha kuka Miss Frances E. Colenso iutombi yesibini ka mil u Sobantu (Bishop of Natal) uyakwam- nkelwa ngosizi olukulu ngamawetu. Ubhubhele e Ngilani kwisiqiti eku- tiwa yi Wight ukupeleni kwenyanga egqitileyo. Liti ipepa lase Natal i Mercury: Elonenekazi iifunde kunene be- seline nyanga ezintandatu liwelile. La- li welele into ezimbini—ukuya kufuna impilo kuba beseline minyaka esesineni nase sihlanwini linobulwelwe; kunjalo liwelela noku ncedisana no Rev.' Sir George Cox ekwenzenzi incwadi ebalisa ngobom buka yise. Elinenekazi bese- line gama elikulu emfundweni nakwinto zolaulo. Umnka enencwadi ezimbini azenzeleyo ekuxoxwayo kakulu ngazo, i" History of the Zulu War," ne "The ruin of Zululand." Akufuneki nokuba side siti waye ngumlweli oshu- shu wama lungelo ama Zulu. Bekuti kwakuti abonakalise ubugora obukulu bokuwatetelela xa onwayo, awazalise onke amapepa apesheya, nawe- lilizwe ngencwadi zake. Ukumka kwa- ke kuyilahleko enkulu kuma Zulu efana neyokumka kuka yise

I DIPENTE E BHAYI.

I Edward's Memorial Church e Bhay ibinentlanganiso yomnyaka ngo-Mvulo 9 May 1887. Intshumayelo ze Cawa zaqutywa ngoluhlobo:—kusasa kwema u Rev. Samuel Sihunu, wase Tinara—watatela kumazwi ati " Lowo weyisayo ndiva kumnika ukuba adle kuyo imana efihlake- leyo, ndimnike ilitye elimhlope, elityeni apo ke igama elitsha libhaliwe, elingazi- wa bani inqenquye olamkeleyo." Watsho

balala tu kwesibandayo esisezantsi Isingesi sengcungu. Utolikelwe ngoka Wauchope ; amazwi engala " U Yesu wase Nazarete owagqiba ilizwe esiza epilisa."

Ngokuhlwa kushumayele u Rev. Jas. Hughes, waseba Rehlelelini, kulamazwi: " God forbid that I should glory save in the cross of Jesus Christ." Zontatu ezo- ntlshumayelo zayola zancamisa, babama isininzi zizube ubom obutsha emoyeni. Intlanganisio elandelayo ngo-Mvulo yaba mndi Kakulu nayo, nakuba benga-fikanga abanye abafundisi ababemnyeni-we, ababeko babababini—o Revels. Paterson no Macintosh. Emva kwenteto ye chairman u Mr. Brister kuqale u Rev. Jas. Pritchard ngokuquba ingxelo zenqu- bo ye Ramente. Kulandele u Rev. Paterson, no Mr. Wauchope, no Rev. Macintosh. Kusuke i chairman yabulela uhlobo eyabuliswa ngalo ngumzi mhla yawe- la ukuya pesheya. Ichaze izinto ezibone pesheya, yaza yagqiba ngelithi abantsundu lifikile ixesha lokuba kwizinto ezininzi bazimele ngokwabo kuba kumzuzu beya- me ngabamhlope. Mabazipate ngokwabo izikolo ze Cawa ne kwayile, kuba banazo italente zokufundisa namazwi okucula. Emva kokubulela Umgcini-Sihlalo netoliki (Messrs. Wauchope and Xhiniwe) iva- liwe intlanganisio.

Ngokuhlwa kolwesi-Bini kubeko i Tea Meeting enikwe ngabafazi we Ramente ye Edward's Memorial Church, apo isihlalo satatyatwa ngu Mr. Wauchope. Zalila ekofini nase tini yada yangu 10.

*I BHAYI NE JUBHILI.*

E Bhayi ngomhla we 18 April 1887, bekuhlangenwe ngomcimbi womtandazo oya e Palamente ne Jubhili. Isihlalo si- tatwe ngu Silwangangubo oxele indawo ekulhlangenwe ngazo ezi: Umtandazo otunyelwe yi Komiti ese Qonce, ceela ukuba sitelele ngokutumela amagama etu. U Rev. Ntsiko : Noko Mr.Chairman pambi kokuba kubhalwe amagama ndingangakhe sixoxwe esi sicelo, kuko indawo endiyichasayo kuwo, le ye Taitlele zobuzwe. (U Mr. Gawler : Hear hear !)

Mr. P. Y. Rwevu—Nditl mna masam- nkeliwe, silungile kanye, amadoda ase- nzilayo acanile kanye. Sifuna ubuzwe tina, asifuni bu Lawo Uqokelwe ngu Mr. R. Gaika, eto yena lento ifunwa ngu Mr. Ntsiko ye taitlele zeziqu uvayazi ukuba yinkatzo, kuba woyitabata om- nye kanti omnye akateni nayo. Into eyakulunga kukuba isizwe eso ngokuma kwaso sibe ne taitlele yobuzwe baso.

Mr. Gawler—Mna Mr. Chiarnan ndiyichase ngomxhelo wam wonke indawo ye taitlele zobuzwe, kuko inkatzo enkulu eya kuvela apo, kuba obo buzwe kutetwa ukuba abantu bapapwe zibonda eziya kuzisikela enqateni, ati umntu ezimtyi- leyo zingampi ndawo yokuilima. Kanye makabe nelake ibala eline taitlele yalo.

Chairman—Noko lomcimbi bendinga- wuvulele ngxoxo, kuba into zonke zetu zipela elingxoxweni benditembe i Komiti ese Qonce ukuba izikangele ezindawo, kuba yiyo kanye abemi bale mihlaba sitateta ngayo. Kanjako abasicelanga ukuba masisixoxe esi sicelo, indawo yetu ke kukusamkela nokungasamkeli.

Rev. E. Magaba—I Komiti yase Qonce iwupicottile lomcimbi we taitlele kanye. Uluvo lwayo lukwa lunge nolu lo Messrs Ntsiko no Gawler, kuba iti, siyazifuna itaitlele zeziqu, kodwa isininzi sohlanga sifuna ezobuzwe—senisipa zona ke ukuze xa sesinawo umhlaba ungewotwe, sine tati tile yawo yobuzwe sandule eso isizwe ukufuna amatuba okuwukuceza ume nge taitlele zeziqu. Okwangoku noko ungewatutemela amagama kuba kufuneka kuko into eyenziwayo kuko nemitandazo eteta nge Pasi no Selo olunamandla. Zinto ezinkulu ke ezi, eniyakuti ngokula- nda indawana ezincinane nisilele ukuncedeni umzi ngazo.

Mr. Xhola (wase Rini)—Ndivuyile ukuba ndibeko apa. Lomcimbi mkulu asinguyo owokuba anqanjwe amadoda kuba ngumcimbi ofuna ixesha, zikangelwe ngamadoda ezindawo, enexesha. Nase Rini iko imihlaba esikelwe itaitlele zeziqu nam ndinamibini, kodwa kuko efumane yemiwa, abati abantu bakucela ukuba banikwe itaitlele zayo kungawu- nywa. Nditbonisa ngokutsho ukuba lento yetaitile yinto enqabileyo.

Mr. John Magaba—Xa isininzi somzi singasokuzitabata itaitlele zeziqu kuya kunceda ntonina ukucela zona. Masicce- lele umzi into oya kuvinyamekela waku- yipiwa.

Mr. Rwevu Vote !  
Mr. Ntsiko:—Hayi kanenze kuhle nge vote kuseko nendawo ze Pasi eningekazeningi.  
Chairman:—Bendisazi mna ukuba ni- pikele ukuxoxa nje endaweni ukuba nize kubhala amagama enu niyakubuye nikale ngexesha ndinivulele ngoku—xo- xani, ngokuba nipikele ukupawula into ebonwe ngamadoda awaxoxa kwada kwa ngu 4 o'clock ekuseni, aqukumbela ngo- mtandazo womfundisi ogama lide kune- ne— ukushicilela ukuba into le eyifinile ngexoxo.

Baqalile ke babhala amagama bonke ababeko. Indawo yesidlo igqitywe kule ntlanga- niso. [Pambili mzi wase Bhayi—Siyatamba ukuba esosidlo senu sosikeleleka sibe mndani. Pambili!— EDITOR *Imvo.*]

**Ezababhaleli.**

**INTLANGANISO ELAHLKILEYO.**

NKOSI MHELELI,—Kwiwepe lako leveki edlulileyo ndibone ingxelo yentlanganisio ebikwa Mdingi. ndamangaliswa, ndadana, lihlaho elenzileyo leyo ntlanganiso, ukuti ibimanyelwe enye into ifike yenze nto yimbi. Wonke umntu owayeko entlanganisweni yakwa Brownlee nowayengeko owaka wazifunda ingxelo zolantlanganisio ka 18 March e *Mveni* angandinqine- la ukuba lemitandazo kwavunyelwana ngayo, kwatiwa mayitunyelwe kwindawo ngendawo ukuba bonke abantu babhale amagama abo kuyo itunyelwe e Palamente. Itunyelwe imitandazo ebantwini; waza Unobhala wamema intlanganisio yokukangela lawo magama ahamba nalemitandazo, nokuba kanjako lentlanganisio ibale amagama apo kwincwadi eya ku Nkosazana u Victoria. Ifikile intlanganisio yaye- kwa yonke into ebekuzelwe yona— amagama— aya e Palamente nalemitanda- zo ukuba mangapina —zizipina i Komiti ezisebenzileyo nezingasebenzanga ukubhala amagama abantu. Neye Nkosazana incwadi ndite ndakuyibona yanamabala abonakalisa ukungati yinto le eyenziwe

ngabantu ababengxamile, sebemi nge- nyawo kuba beyigqibile eyona nto bebezwe kuyenza.

